



University of Fort Hare
Together in Excellence

EAST LONDON CAMPUS
BACHELOR OF EDUCATION FOUNDATION PHASE
TEACHING

IKHOWUDI: HXE 212E UVIWO (MAIN)

EYESILIMELA 2023

IXESHA : liyure zintathu

ABAVAVANYI BANGAPHAKATHI : Dr T. Bubulu
Dr S. Makeleni.

UMVAVANYI WANGAPHANDLE KWEDYUNIVESITI:

AMANQAKU EWONKE : 100

Olu vavanyo lungamaphepha ama-3

IMIYALELO:

- Uneeyure ezintathu , uphendula imibuzo oyinikiweyo
- Wufunde uwufundisise umbuzo phambi kokuba uphendule, phola
- Yiphendule yonke imibuzo, uzingande xa unengcinga yokushiya izikhewu
- Bhala ngokucacileyo nacocekileyo, oko ukubhalayo kufundeke, kulandeleke

Umbuzo 1. [20]

Ukubaluleka kohlumo lokufunda nokubhala (Emergent reading and writing).

- Yintoni uhlumo lokufunda nokubhala (Emergent reading and writing).
- Kutheni lubalulekile.
- Ungaluxhasa njani uphuhliso lwalo?
- Uwadala nini amathuba okuba abantwana baphuhle kulo?
- Umvavanya njani umfundi?
- Usebenzisa eziphi izixhobo? Njani? **(20)**

Umbuzo 2. [15]

Nika iingongoma zibe ntlanu emakugxininiswe kuzo xa kusenziwa isifundo notitshala. Bonisa amanyathelo onokuwathatha xa usenza isifundo notitshala ukwenza oku ngokunika imizekelo yasegumbini lokufunda. **(15)**

Umbuzo 3. [20]

Khawucacise ngenkqubo yokufunda njengoko kucetyiswa kwiKharithulam yeSiXhosa Ulwimi lwasekhaya lbanga R-3. Oku ukwenza ngokuthi usinike ingcebiso mayela neendlela zokufunda zicetyiswayo, usibalisele ke ngenkqubo yokufunda , apho uzakusivezela ukuba kwenziwa ntoni kwisigaba ngasinye, usinika umzekelo obonisa ukuba uyayiva le nkqubo, yaye ungayilandela xa ufundisa . **(20)**

Umbuzo 4 [30]

Ceba isifundo njengoko iKharithulam le yeSiXhosa uLwimi Lwasekhaya kwibanga R-3, icebisa. Ezi zilandelayo ziingongoma emazivele.

- Isakhono solwimi (content area)
- Umxholo (topic)
- Iinjongo zesifundo (lesson aims)
- Isingeniso (introduction)
- Ulwazi olutsha (lesson development)
- Izixhobo ezizakusetyenziswa ekufundiseni
- Isiqosheliso (conclusion)
- Uvavanyo (assessment)

(30)

Umbuzo 5 [15]

Cebisa ubonisa nangemizekelo ngenkqubo emayilandelwe ekhokelela ekuqaliseni ukufunda ukubhala.

(15)

AMANQAKU EWONKE [100]